



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2013

GAUTENG

AMANQAKU: 120

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha ali-20.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMANE angala:

ICANDELO A:	Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B:	Isishwankathelo	(10)
ICANDELO C:	Ulwimi	(60)
ICANDELO D:	Uncwadi	(20)
2. Funda YONKE imiyalelo ngononophelo.
3. Phendula YONKE imibuzo.
4. Bhala iCandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Krwela umgca ekupheleni kweCandelo ngalinye.
6. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
7. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.
8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
9. Qwalasela upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

ISICATSHULWA A

- 1.1 Funda esi sicatshulwa sihamba nemifanekiso yaso ngononophelo uze uphendule imibuzo elandelayo.

USIPHO UYAKWAZI UKUHAMBA NGOKU

UMHLATHI 1

USiphosethu Seti yinkwenkwana yaseRhini, eMpuma Koloni. Nangona eneminyaka eli-11, uphile kabuhlungu ngendlela engenambaliso. USipho wangxwelerheka eneminyaka emihlanu ukusuka esifubeni ukuya ezinyaweni emva kokuba egilwe yimoto. Akazange alufumane unyango olulungileyo ngelo xesha, waza umqolo wakhe ethubeni wagobela kakubi ecaleni.

UMHLATHI 2

Walala ebhedini iminyaka emihlanu engakwazi nokwenza nto. Wangeniswa esibhedlele iAurora eBhayi enezilonda ezibangelwa kukusoloko elele ebhedini. Oogqirha beso sibhedlele bacela uncedo lweengcali (oogqirha abanamava amakhulu) zamathambo omqolo zaseKapa. Emva koko uSipho wasiwa eUCT Private Academic Hospital eKapa. UGqr. Du Toit noGqr. Dunn balungisa amathambo omqolo kaSipho. Badibanisa amathambo ali-18 omqolo wakhe kwaza kwafakelwa iintsimbi emacaleni.


UMHLATHI 3

Emva kotyando uSipho wakwazi ukuhlala ngeempundu okokuqala ukususela mhla wafumana ingozi. Wahlala iinyanga ezine uSipho esibhedlele bezama ukumnceda kwiRehabilitation Unit eUCT. "Nangona uSipho wayenaso isitulo esinamavili, sasingamlungeli. Wa-odelwa isitulo esinamavili esimfaneleyo wafundiswa nokusiqhuba. Wafundiswa ukuhla ebhedini nokusuka kwisitulo sakhe akhwele ebhedini ngokwakhe," utsho uYvonne Hampshire ongumncedi kaSipho.



UMHLATHI 4

USipho wayonwabe kakhulu xa wayekhetha isitulo sakhe esibomvu 'semidlalo' kwaye kungekudala wayesenza ugqatso nezinye izigulane. Ezinye izigulane zambiza ngokuthi nguMichael Schumacher. Kodwa weyengadlali kuphela apho, wayefundiswa nokwenza umsebenzi wesikolo nguArnoux Marais oyi-Occupational Therapist.



UMHLATHI 5

Ubomi bakhe butshintshe emva kotyando. "Wafika apha enentloni engakuthandi ukuthetha, kodwa ngoku uzithembile kwaye uyancokola," utsho uYvonne. USipho wagoduka waya eBhayi ngenqwelomoya. Ethubeni uza kungena kwisikolo sabantwana abangxwelerheke njengaye. Kufuneka aphindele eKapa kwenziwe ii-X-reyi ukuze kujongwe ukuba zingakhutshwa na iintsimbi awayezifakiwe. Ixabiso lotyando lwakhe lumalunga nama-R70 000 kwaye iindleko zalo ziza kuhlawulwa yiRoad Accident Fund.

[Sikhutshwe kwiBona, kaAprili 2003 saze sahlelwa]

UMHLATHI 1

- 1.1.1 Bhala ngokupheleleyo igama likaSipho. (1)
- 1.1.2 Kwenzeka ntoni kuSipho xa wayeneminyaka emihlanu? (1)
- 1.1.3 Chaza isiphumo sale mpendulo uyibhale kumbuzo 1.1.2. (1)

UMHLATHI 2

- 1.1.4 Izilonda emzimbeni kaSipho zazibangwa yintoni? (1)
- 1.1.5 Bhala ngokupheleleyo esi sifinyezo, 'uGqr'. (1)
- 1.1.6 Xela amagama oogqirha abaziingcali zamathambo omqolo eUCT? (2)
- 1.1.7 Iingcali zimncede njani uSipho? (1)

UMHLATHI 3

- 1.1.8 Yinyaniso okanye bubuxoki? Emva kotyando uSipho wakwazi ukuma ngeenyawo. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.1.9 Kwakutheni ukuze uSipho achithe iinyanga ezine kwiRehabilitation Unit emva kotyando. (2)

UMHLATHI 4

- 1.1.10 Kutheni ezinye izigulane zimbiza ngokuthi nguMichael Schumacher? (1)
- 1.1.11 USipho wancedwa njani nguArnoux Marais? (1)

UMHLATHI 5

- 1.1.12 Wayengumntu onjani uSipho? (2)
- 1.1.13 Ixesha alichithileyo eKapa lamnceda njani uSipho ngokoluvo lukaYvonne? (1)
- 1.1.14 Yinyaniso okanye bubuxoki? USipho akasoze afunde esikolweni kuba uqhuba isitulo samavili. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.1.15 Usapho lukaSipho luza kuncedwa njani ukuze lubhatale iindleko zesibhedlele. (1)

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

1.2 Jonga le khathuni, uze uphendule le mibuzo ilandelayo.



[Bona Xhosa, Agasti 2002]

IBHOKISI 1

1.2.1 Bukhangeleka bunjani ubuso bukaMfundisi? (1)

1.2.2 Umfundisi uphethe ntoni ngesandla sasekunene? (1)

IBHOKISI 2

1.2.3 Yinyaniso okanye bubuxoki? URasta naye ucinga ukuba uMfundisi uyagula? Xhasa impendulo yakho. (2)

IBHOKISI 4 NO-5

1.2.4 Nika zibe mbini kwizinto ezigulisa umfundisi kumaphephandaba. (2)

IBHOKISI 7 UKUYA KU-10

1.2.5 Ingaba libe yintoni iyeza likaShoti kwesi sigulo sikaMfundisi? (1)

1.2.6 Uhlawule malini umfundisi ngeli yeza? (1)

IBHOKISI 11

1.2.7 Kukuthini ukunkqonkqa? Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:
A Kukuphulula
B Kukubetha
C Kukuleqa (1)

1.2.8 Wazi njani ukuba abahlobo bakaShoti bayakuxhasa ukuleqwa kwakhe nguMfundisi? (1)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

UMBUZO 2

Funda esi sicutshulwa uze usishwankathele.

1. Bhala izivakalisi ezisixhenxe okanye umhlathi onezivakalisi ezisixhenxe uthethe ngemithetho emayilandelwe ngabakhenkethi eCrocworld. Isivakalisi ngasinye kwezi zisixhenxe mayiquke umyalelo ngamnye malunga notyelelo eCrocworld. Yenza ezakho izivakalisi ungakopi ngqo. (7)
2. Sebenzisa ulwimi olwamkelekileyo uze ushwankathele ngamagama angadlulanga kuma-50. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo. (3)

WAMKELEKILE ECROCWORLD



Siyakwamkela apha eCrocworld! Landela le mithetho ukuze wonwabele utyelelo lwakho:

Okokuqala – Inxolo

ECrocworld kukho iingwenya ezininzi, iintaka, iinyoka namagala. Sicela bonke abantu ngakumbi abantwana bangangxoli xa betyelele izilwanyana kuba oku kuyazothusa.

Okwesibini – ukutyisa izilwanyana

Abakhenkethi abafuna ukubukela iingwenya xa zityiswa ngabasebenzi bavumelekile ukuba babukele oku ngo-11 ekuseni.

Abakhenkethi abavumelekanga ukuba bazityise ngokwabo izilwanyana.

Okwesithathu – Uthango

Iingwenya zihlala zibiyelwe ngothango. Abakhenkethi bathanda ukukhwela phezu kothango ukuze bazibone kakuhle. Umntu akavumelekanga ukuba akhwele kolu thango kuba oko kuyingozi.

Okwesine – Ukutshaya

Ukutshaya iisigalethi akuvumelekanga. Esi senzo sokutshaya singabangela imililo eyoyikekayo. Abakhenkethi abanqwenela ukutshaya bangatshaya kwindawo eyodwa erestyu.

Okwesihlanu – Iiheke zezindlu zeentaka

Sinezindlu zeentaka ezinkulu ezidumileyo. Iintaka ezilapho zinexabiso elikhulu. Kungoko kufuneka sicele abakhenkethi bethu ukuba baqinisekise ukuba bayayivala iiheke bakungena kwindlu yeentaka ukuze zingabaleki.

Okwesithandathu – utywala

Abakhenkethi bathanda ukuhlala engceni bonwabele indalo, izandi zeentaka nezilwanyana ezikhoyo. Ngelishwa abanye abakhenkethi bangenisa utywala epakini. Utywala abuvumelekanga kuba bubangela iingxaki ezininzi.

Okwesixhenxe – ukuphatha izilwanyana

Abanye abakhenkethi bathanda ukuphatha iingwenya okanye iinyoka baze bafotwe ngabahlobo babo. Kuyingozi enkulu ukwenza oko. Ingwenya ingambulala lula umntu kwaye iinyoka zalapha zinetyhefu.

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: ULWIMI

UMBUZO 3

3.1 Lungisa amagama akrwelelwe umgca ngaphantsi.

Kule veki (3.1.1) iphelile uZola ufumene ingozi yemoto. Ebehamba (3.1.2) nemfazi wakhe xa bekusenzeka le ngozi (3.1.3) embi. Ujike ekoneni yaza imoto yakhe yangqubana neteksi emhlophe ebibaleka kakhulu. Kuyacaca ukuba umqhubi (3.1.4) yeteksi akakhange (3.1.5) amisa nangona iirobhothi bezibomvu.

(5)

3.2 Dibanisa ezi zivakalisi ngokomzekelo olandelayo.

Umzekelo: Abafundi baya edolophini. (Abafundi) benza uphando.

Ipendulo: Abafundi baya edolophini benze uphando.

3.2.1 Izinja zingena ehlathini. (Izinja) zileqa imivundla.

(1)

3.2.2 Abahlobo baza kutyelela ilayibrari. (Abahlobo) abangxoli.

(1)

3.3 Gqibezela ezi zivakalisi zilandelayo ngokukhetha igama okanye isakhi esifanelekileyo kwibhokisi engezantsi.

ngeli; La; Esona; naye; Eli; wonke; nayo; bonke; Sona; ngalo

3.3.1 ... manenekazi ahlala ezilalini.

(1)

3.3.2 Umama ubona umfundisi aze acele ukuthetha ...

(1)

3.3.3 Ndihamba ... hashe ukuya emsebenzini.

(1)


3.3.4 Utitshala uza kubohlwaya ... abafundi abagezayo.

(1)

3.3.5 ... sonka simnandi ngumbhako.

(1)

- 3.4 Jonga kulo mfanekiso uze uphendule imibuzo (3.4.1–3.4.3) ngokubhala inombolo/iinombolo (isi-1 ukuya kwisi-4).



3.4.1 Abantwana bobabini bahleli phambi kukatata, intombi ijongene nenkwenkwe. (1)

3.4.2 Utata uhleli phakathi kwabantwana, inkwenkwe isemva kwakhe. (1)

3.4.3 Inkwenkwe ihleli ngaphambili, emva kwentombi, bobabini abantwana bajonge kutata. (1)

- 3.5 Bhala ezi zivakalisi kwisininzi.

Umzekelo: Inkwenkwe ihleka amantombazana.

Impendulo: Amakhwenkwe ✓ ahleka ✓ amantombazana.

3.5.1 Ikati ileqa iimpuku. (2)

3.5.2 Ucango luvaliwe. (2)

- 3.6 Tshatisa igama/izivakalisi ezikuKHOLAM A nezivakalisi/amagama akuKHOLAM B. Bhala inombolo kunye nonobumba (A–E) ofanelekileyo.

KHOLAM A	KHOLAM B
3.6.1 Halala!	A Libamba amasela liwavalele entolongweni.
3.6.2 UVuyo noLinda yinyoka nesele.	B Uqhube kakuhle mfundi.
3.6.3 Rayi rayi, ndinamntu wam akaphumli, usebenza imini nobusuku.	C Ziintshaba.
3.6.4 Ipolisa.	D Ulawula umdlalo wesoka.
3.6.5 Usompempe.	E Yintliziyo.

(5 x 1) (5)

3.7 Yenza imibuzo eza kuhamba nezi mpendulo zilandelayo.

Umzekelo: Ndithanda ukutya inyama.

Iimpendulo: Uthanda ukutya ntoni?

3.7.1 Ifani yam nguMvundlana. (1)

3.7.2 Ndithanda isonka esimdaka. (1)

3.7.3 Abafundi bahamba ngebhasi yesikolo. (1)

3.7.4 Umdlalo weChiefs nePirates uqala ngo-8 ebusuku. (1)

3.7.5 Iziteyidiyamu zaseMzantsi Afrika zinkulu. (1)

3.8 Jonga umfanekiso uze unike umyalelo njengakulo mzekelo.

Umzekelo




Iimpendulo: Sukulibala isambrela sakho!

3.8.1



3.8.2



(2)

3.9 Bhala ezi zivakalisi zibe kwixesha elibhalwe kwizibiyeli ecaleni kwesivakalisi ngasinye kwezi zilandelayo.

3.9.1 Abantwana bebefunda amaphephandaba. (Ixesha langoku). (1)

3.9.2 Ingonyama iyagquma ebusuku. (ixesha elizayo). (1)

3.9.3 Izikolo ziyavalwa ngoDisemba. (Ixesha elalidlula). (1)

3.9.4 Ihashe alibaleki ngesantya esiphezulu. (ixesha eladlulayo). (1)

3.9.5 Umama uyafunda. (elidlulileyo). (1)

- 3.10 Bhala igama elikwisibiyeli kwezi zivakalisi zilandelayo libe kwisalathandawo.
Bhala igama kuphela.

Umzekelo: Umama ulima iitapile (igadi).

Impendulo: egadini

- | | | |
|--------|-------------------------------|-------------|
| 3.10.1 | Tyhini! Nalu ubisi (ifriji). | (1) |
| 3.10.2 | linkomo zilahleke (inkungu). | (1) |
| 3.10.3 | Nanga amadada (umlambo). | (1) |
| 3.10.4 | Abantwana badlalela (iimoto). | (1) |
| | | [40] |


UMBUZO 4

- 4.1 Funda lo mhlathi uze uguqule amagama esiNgesi akrwelelwe umgca ngaphantsi uwabhale ngesiXhosa. Bhala igama kuphela.

Ulutsha luthanda 4.1.1 (to shop) kwiivenkile 4.1.2 (big) zempahla. Kusoloko kugcwele 4.1.3 (inside) ezivenkileni. Phambi 4.1.4 (of these) venkile kukho iindawo zokuphunga. Ikofu iphungwa kakhulu ebusika 4.1.5 (by the youth).

(5)

- 4.2 Qwalasela le grafu uze uphendule imibuzo engezantsi.



- 4.2.1 Yinyaniso okanye bubuxoki? Amakhwenkwe awazange aye kuhambo lwesikolo ngo-1996. (1)

- 4.2.2 Amanani amakhwenkwe namantombazana aye kuhambo lwesikolo ayelingana ngowuphi unyaka? (1)

- 4.2.3 Ngowuphi unyaka onamantombazana ambalwa aye kuhambo lwesikolo? (1)

- 4.2.4 Zihle kangakanani iipesenti zamakhwenkwe aya kuhambo lwesikolo ukusuka ku-1996 ukuya ku-1998? Khetha impendulo echanelekileyo kwezi:

- A 20%
B 15%
C 25%

(1)

- 4.3 Phinda ubhale ezi zivakalisi zibe kwimo elandulayo.

- 4.3.1 Abantwana bahluthi. (1)

- 4.3.2 Indlovu iza kutya iziqhamo zakho. (1)

- 4.3.3 Besisebenza phezolo. (1)

- 4.3.4 Umalume wayenenja elumayo. (1)

- 4.3.5 Abafundi baya esikolweni. (1)

4.4 Khetha igama elichanekileyo kwizibiyeli kwezi zivakalisi zilandelayo.

4.4.1 Utitshalakazi (ufundisa/ufundeka) abantwana ukubhala. (1)


4.4.2 Umfama (ubala/ubhala) phantsi amagama eenkomo zakhe encwadini ngepensile. (1)

4.4.3 Ixhegokazi (lithengwa/lithengela) umzukulwana izihlangu. (1)

4.5 Phendula imibuzo engezantsi ngokusebenzisa isibanjalo esikwimo elandulayo ngokwalo mzekelo.

Umzekelo: Yibhokhwe le?

Impendulo: Hayi, asiyobhokhwe.



4.5.1 Ngamanzi la?



4.5.2 Lixhego eli?



4.5.3 Kukutya oku?



(2)

(1)
[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 60

ICANDELO D: UNCWADI

IMIYALELO NENGCACISO

- Khetha incwadi ENYE kuphela uphendule imibuzo yale ncwadi uyikhethileyo.
- Ukuba ukhetha *IMBADU* uze uphendule UMBUZO 5.
- Ukuba ukhetha *SASINONCWADI KWATANCI* uze uphendule UMBUZO 6.

UMBUZO 5: *AMABALI AMAFUTSHANE IMBADU* – GB Sinxo

Kule ncwadi phendula imibuzo emibini: umbuzo 5.1 nombuzo 5.2.

5.1 IBALANA: MHLA BOYISAKALA

Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

Baqala ke abantu benza umfela-ndawonye wokuba umfundisi onje ukungalandeli bahlukane naye, wabeke yena ngelakhe icala efungile ukuba ubomi bakhe bonke uya kubugqibela apho kuloo ndawo waphelisela kuyo onke amandla akhe. Loo ndawo wayeyithanda ngaphezu kwento yonke kulo mhlaba.

Akwazeki ke nokuba na le meko yada yaya kufika na ezindlebeni zikabhishophu, kodwa kwenzeka ukuba kuthi ngelo xesha kanye kufike ezona ndaba zalenza imincili engathethekiyo ibandla. Ubhishophu wayemsusa umfundisi lowo apho, emsa eMaqandekeni, indawo ke leyo eyayikude lee apho kubo ngolona hlobo luxolisayo.

Ekuzalisweni luvuyo, ibandla laziva lukumgangatho ophakamileyo, umgangatho oshiyene mpela nezinto zochuku nenzondo, lazimisela ukuba umfundisi olikhonze kangaka limenzele eyona nto inkulu linakho ukumenzela yona. Lagqiba lonke ke ukuba limenzele isibhadlalala sombuliso, liyenza loo nto iphuma kwiintliziyo eziphuphuma umbulelo ngenxa yenkonzo yenkonde leyo. Nabo bephume bonke ke, omncinci nomdala, umfazi nendoda, ihlwempu nesityebi, besenzela umpriste wabo isibhadlalala sombuliso, ongazange ubekho ongako, bonke bemnqweno mnye wokufihla into yokuba ixhego eli limka selikruqule.

- | | | |
|-------|---|-----|
| 5.1.1 | Kwakutheni ukuze abantu baseNtlalukeni benze umfela-ndawonye? | (1) |
| 5.1.2 | Yinyaniso okanye bubuxoki? Umfundisi uThwalindwe wayengakuthandi ukuhlala eNtlalukeni. Xhasa impendulo yakho. | (2) |
| 5.1.3 | Wazi njani ukuba iindaba zokwahlukana komfundisi nabantu zaya kufikelela ezindlebeni zikabhishophu? | (2) |
| 5.1.4 | Ibandla lambulela njani umfundisi xa wayesimka? | (1) |

- 5.1.5 Chonga kwitekisi isivakalisi esibonisa ukuba kwinkonzo yokuthi ndlela-ntle kumfundisi kwakuphume iintlobo ngeentlobo zabantu. (2)
- 5.1.6 Babevakalelwa njani abantu baseNtlalukeni ngeli lixa umfundisi emkayo? Chaza. (2)

KUNYE

5.2 IBALANA: UKUBA EBENGUMLUNGU

Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

Wada wahlikihla ukucinga oku akufika kuLungu. Aba ke bona abantu kwathi kwasekuzalweni baba sebezizityebi. Bonke bephela babezalwa ngabazali abazizityebi. Yonke imisebenzi yobom yayihleli ivulekile kubo. Awu! Akwaba ebengumLungu! Inene, ube uya kubona izinto zamehlo! Akwaba! Akwaba wayezalwe wangumLungu.

Khawufane ucinge abantu ukuzalwa kakuhle kangaka, kodwa ube usiva kusithiwa kukho into elihlwempu phakathi kwabo! Hayi, asibantu bafanele ukuphila! Zizifede zezifede! Hayi ukwenza kwamazulu! Kungathini ukuba yena enziwe mnyama nguMdali xa bekungathi likhe laguqulwa nje ulusu lwakhe abe ngumLungu abe yiyo yonke into ayinqwenelayo, ewe, ade abe yijaji, yibhishophu, nayo yonke into enjalo, ayeke ngonaphakade ukuba ngumgawuli weenkuni nomkhi wamanzi!

Athi ke yena ilishwakazi lakhe ukuba azalwe enofele olumnyama! Akwaba ngelengazange azalwe kube kanye! Hayi, ilishwa lokuba mnyama! Hayi, ilishwa lokuba mnyama!

Esathetha njalo, ngaphaya kwetyholo, bengamboni, weva abantu bezithethela. Tyhini, nguCengimbo, uyathetha nomnye. Lo Cengimbo ke yayilelona nqenerha likhulu apho esixekweni. Wayeliqaba elibomvu, elingazange laya esikolweni. Nanko ethetha uCengimbo: 'Akwaba! Akwaba nam ndandifundile, mntakabawo! Ube uya kubona izinto zamehlo! Khawufane ucinge ukuthi abantu befundiswe luhlanga lwasemzini, abeLungu, alwabi namona, lwabafundisa zonke iindlela zokuphila, suke bona babe befeketha ngexesha, bengayisebenzisi loo mfundo! Akwaba! Akwaba ndandifundile! Khawukhangele abantu abanjengooMpukomthi abaya! Abantu abafundiswe njengaye bechitha amaxesha abo bevatshula nathi apha esixekweni! Akwaba bendinguMpukomthi! Akwaba bendinguMpukomthi! Akwaba! Akwaba!'

Waqala wothuka uMpukomthi, kwasa gede kuye, waqonda ukuba impumelelo kweli hlabathi isemntwini ngokwakhe, ayenziwa bala lakhe nayeyiphi na into.

- 5.2.1 Yintoni le yayimkhathaza uMpukomthi newayengakwazi ukuyitshintsha? (1)
- 5.2.2 Ingaba yinyaniso okanye luluvo ukuba xa uzalwe ngabantu abangamahlwempu nawe uza kuhlupheka. (1)
- 5.2.3 UMpukomthi ngumntu ongenambulelo. Ngqina le ntetho ngokusixelela into awayenzelwa ngabazali bakhe. (1)
- 5.2.4 Wayelibele yintoni uMpukomthi ukuze angahambeli phambili ngemfundo yakhe? (1)
- 5.2.5 Yinyaniso okanye Bubuxoki ukuba ...
- A UMpukomthi wayeyibhishophu. (1)
- B UCengimbo wayelinqenerha elingafundanga elaziwayo elalini. (1)
- 5.2.6 Ingaba umnqweno kaMpukomthi wahluka njani kumnqweno kaCengimbo. (2)
- 5.2.7 Chaza ingcinga kaMpukomthi malunga nobomi obuphilwa ngabelungu. (2)
- [20]

OKANYE

UMBUZO 6: SASINONCWADI KWATANGI – SC Satyo Nabanye

INTSOMI: INTOMBAZANA NESIGEBENGA

Funda le ntsomi uze uphendule imibuzo.

Kwathi ke kaloku ngantsomi. Kwakukho umama owayehlala nentombazana yakhe kwilali eyayikude-kufuphi nehlathi elikhulu. Lo mama wayesoloko emyala lo mntwana wakhe esithi angabo kudlala kude kutshone ilanga phaya ngasehlathini. Abantwana babethanda ukudlala kufutshane nenyele yehlathi.

Ngenye imini badlala, badlala, lade latshona ilanga. Yathi le ntwazana kubalingane bayo: "Yhu! Masambeni ngokw'apha sigoduke. Wayethe umama singabodlala kule ndawo lide litshone ilanga". Zahamba kwangoko ke ezi ntwazana, zihamba ngokugejeza ukugoduka. Bathe besahamba njalo yathi le ntwazana koowayo aba: "Yhu? Thiza, zintombi! Ndilibele iqhiya kamama kulaa ndawo besidlala kuyo. Ndikhapheni mabethunana, siye kuyithatha." Bathi abanye: "Hayi, jika wedwa wethu; thina siza kungxoliswa emakhaya xa sifike sekumnyama."

Hayi ke wajika yedwa esiya kulaa ndawo babedlala kuyo. Wayehamba ngokubaleka emana ebheka-bheka kukoyika. Wayesoyika kuba kwakumnyama ehamba yedwa, esoyika nokuba wayeza kubethwa ngunina ukufika kwakhe ekhaya ... Uthe xa afikayo kule ndawo babedlala kuyo wabona kukho umntu omkhu-u-u-lu ... Wathi xa esakhamluka ukuvula umlomo, wathiwa xhakamfu sesi sigebenga sambamba sathi "ndikufumene, kodwa ndisahluthi ngoku, ndiza kukutya ngomso ngesopholo kunye nosapho lwam". ...

Sahamba isigebenga kwada kwasa sadinwa safuna amanzi okusela. Sacebuka endleleni, sangena komnye umzi, sacela amanzi. Basipha amanzi isigebenga, sasela, sathi sakukholwa sahlaba kwasendleleni yaso. Sahamba, sahamba, sahamba kwala emini emaqanda saphinda sanxanwa. Saphinda saphambuka endleleni yaso sangena komnye umzi. Kwathi kanti apha kulo mzi kukokwabo ntombazana esengxoweni. Baliva ilizwi lakhe abantu ababelapho.

Bathatha ibhekile evuzayo bayinika isigebenga, basibonisa nomlambo, bathi masiye kuzikhelela amanzi ngokwaso. "Ningakhe nilinge niyiphatha-phathe ingxowa yomnt' omkhulu." Kodwa ke bathi sakusithela bamkhupha umntwana engxoweni, bamfihla, kwaza kuloo ngxowa kwafakwa zonke izinto ezilumayo: iinyoka, oonomadudwane, oonomanxezane, iinyosi, njalo-njalo ...

Sathi xa sivula ingxowa siza kukhupha inyama yaso isigebenga, kwaphuma zonke eziya zinto zazifakiwe, sele zinomsindo, zonda ngaso. Sakhala sajikeleza apha endlwini, zisihlalele iinyosi noonomanxezane. Ekugqibeleni sakhaba ucango lwaphuka saphuma sabaleka ukuya emlanjeni, sele singasaboni nakakuhle ...

Bona abazali bentombazana bavuya kakhulu ukuphinda bayifumane isaphila, kodwa baphinda bayithethisa kakhulu ngokudlala endle lide litshone ilanga. Intombazana yabathembisa abazali bayo ukuba ayisobe iphinde ingawunyamekeli umthetho wabantu abakhulu.

- | | | |
|------|--|-----|
| 6.1 | Umama nentombi yakhe babehlala phi? | (1) |
| 6.2 | Umama wayesoloko eyiyala ngantoni intombi yakhe? | (1) |
| 6.3 | Yinyaniso okanye bubuxoki? 'Abantwana babethanda ukudlala phakathi ehlathini.' Xhasa impendulo yakho ngokucaphula kwisicatshulwa. | (2) |
| 6.4 | Yintoni le yashiywa yintombi kwinyele yehlathi? | (1) |
| 6.5 | Kwakutheni ukuze ezinye iintombi zezingavumi ukujika ziphindele ehlathini? | (2) |
| 6.6 | Intombazana yadibana nantoni apha ehlathini? | (1) |
| 6.7 | Yinyaniso okanye bubuxoki? Le nto uyibhale kumbuzo 6.6 yayitya kwangoko intombazana emva kokuba iyibambile. Xhasa impendulo yakho. | (2) |
| 6.8 | Sasifuna ntoni isigebenga komnye umzi? | (1) |
| 6.9 | Endleleni egodukayo isigebenga sangena kwimizi emingaphi? | (1) |
| 6.10 | Ucinga ukuba kwakutheni ukuze isigebenga sinikwe ibhekile evuzayo? Chaza. | (2) |
| 6.11 | Xa sisiya kukha amanzi emlanjeni isigebenga sashiya umyalezo othini? | (1) |
| 6.12 | Nika zibe mbini kwizinto ezifakwe ngabantu bekhaya lentombazana kwingxowa yesigebenga? | (2) |

- 6.13 Chaza ukuba kwenzeke ntoni kwisigebenga xa sivula ingxowa yaso? (2)
- 6.14 Mfundi, ucinga ukuba ithini imfundiso yale ntsomi? (1)
[20]

AMANQAKU ECANDELO D: 20
AMANQAKU EWONKE: 120